Isalathiso: 20170821-4111
12/2/11/1/3
Imibuzo: Mnu I Teladia

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*GET*: DCG 0016/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela-Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili zemfundo), kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kwiiNtloko zeCandelo leNkxaso eKufundeni, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-*IMG,* kuBaphathi beeKomiti zeeSekethe, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko nakwiiNqununu zezikolo eziziisekondari

Isihloko: IVeki yoKwazisa ngaMakhondo oMsebenzi: 9 – 13 Oktobha 2017

1. Kucwangciselwa ukwenza iVeki yoKwazisa ngaMakhondo omSebenzi (*Career Awareness Week*) ngomhla we-9 ukuya kowe-13 kaOktobha 2017 ukomeleza ulwazi lwabafundi lokwenza izigqibo ezizizo benolwazi malunga namakhondo omsebenzi abo exesha elizayo. Eli lithuba lootitshala besifundo soLwazi ngezoBomi lokugqibezela icandelo le-"*World of Work*" lekharityhulam yabo.

2. Iqela elithagethiweyo ngabafundi beSigaba esiPhezulu (*Senior Phase*). Injongo yaleVeki yoKwazisa ngaMakhondo oMsebenzi kukwenza abafundi abakumaBakala 7 - 9 bazi ngokubaluleka kokukhetha izifundo ezichanekileyo zeBakala le-10. Ngale veki kukhuthazwa izikolo ukuba zigxininise kwimisebenzi eya kukhokela abafundi ukuba benze izigqibo ezizizo benolwazi malunga nokukhetha amakhondo omsebenzi abo exesha elizayo. Oku kufanele ukuquka ingxoxo yokuzibekela umgangatho.

3. Zonke izikolo ziya kufumana ibrowutshi yesikhokelo samakhondo omsebenzi (*career guidance brochures*)eya kuquka umsebenzi wophando ngamakhondo (*Career Research Activity*). Bayacelwa ootitshala besifundo soLwazi ngezoBomi bamaBakala 7-9 ukuba bacebise abafundi ukuba bancediswe ngabazali babo xa besenza lo msebenzi besebenzisa iibrowutshi abazifumene ngeVeki yoKwazisa ngaMakhondo oMsebenzi.

4. Bayakhuthazwa ootitshala besifundo soLwazi ngezoBomi ukuba bacwangcise imisebenzi yale veki egxininisa kwilizwe lempangelo (*World of Work*). Kwezinye iimeko, imisebenzi enikwe abafundi apha enyakeni inokufikelela kuvuthondaba kule veki.

5. IBakala 7

   Abafundi beBakala lesi-7 banokugxininisa kwiprojekthi ethatha iveki equka ukwenziwa komsebenzi wophando ngamakhondo omsebenzi (*Career Research Activity*) eya kufikelela kuvuthondaba lwesinxibo esingqinelana nemini yekhondo lomsebenzi. (*Career dress-up day*). Oku kuthetha ukuba koku kuthatha kwabo inxaxheba kumakhondo omsebenzi exesha elizayo abo, abafundi baya kuza esikolweni benxibele okumela amakhondo omsebenzi ekamva labo. Oku kufuneka kwenzeke ngeephiriyodi zesifundo soLwazi ngezoBomi. Makufundwe isiHlomelo A ukufumana iimbono ezingaphezu koku.

6. IBakala 8

   Abafundi beBakala lesi-8 kufuneka bagxininise kumsebenzi wamakhondo oquka ukwenziwa komsebenzi wophando ngamakhondo omsebenzi (*Career Research Activity*) okuya kwenza ukuba bakwazi ukuqaphela izinto abaneziphiwo zokwazi ukuzenza (*strengths*), iitalente zabo, izinto abangakwaziyo ukuzenza (*limitations*) nolwazi lwabo kwizifundo ezithile. Makufundwe isiHlomelo A ukufumana iimbono ezingaphezu koku.

7. IBakala 9

   Kucelwa abafundi beBakala le-9 bathathe inxaxheba kumsebenzi ongamakhondo omsebenzi, oquka ukwenziwa komsebenzi wophando ngamakhondo omsebenzi (*Career Research Activity*) Lo msebenzi wophando uyinxalenye yenkqubo yokulungiselela abafundi beBakala le-9 ukuba bakhethe izifundo ezichanekileyo zeBakala le-10.

   Lo msebenzi wophando ngamakhondo omsebenzi (*Career Research Activity*) wenziwa yi-PACE *Career Centre* ukulungiselela injongo yokukhawulezisa ukuvuthwa ngengqondo kwabafundi ngakumba wamakhondo omsebenzi (*career maturity of learners*). Iziphumo ezifunyenwe kumsebenzi wokuzihlola kwiminyaka engaphambili zibonise ukunyuka kweqondo lamanqanaba olwazi lokuzikhethela kubathathi-nxaxheba. Ngoko ke ukwenziwa kwalo msebenzi kuya kubonisa ukwanda okukhulu kwamanqanaba olwazi okuzikhethela izifundo nokulandela amakhondo omsebenzi. Makufundwe isiHlomelo A ukufumana iimbono ezingaphezu koku.

8. Ukuba ufuna ingcaciso engaphezulu malunga noku, kucelwa uqhagamshelane noMnu I Teladia, onguMcwangcisi oMkhulu wesifundo soLwazi ngezoBomi kwiGET, kule dilesi ye-imeyili Ismail.Teladia@westerncape.gov.za okanye kule nombolo yefoni 021 467 2199.

9. Ziyacelwa iinqununu ukuba zazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2017-09-22